Isifundo 2

**3–9 Apreli*

Umnqophiso Wokuqala

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 9:15; Isa. 54:9; Gen. 12:1–3, Gal. 3:6–9, 29; Eks. 6:1–8; Yer. 31:33, 34.

Indima Yenkumbulo:
"Ngoku ke, ukuba nithe naliphulaphula okunene izwi lam, nawugcina umnqophiso wam, noba yinqobo kum kwizizwe zonke, kuba ihlabathi lonke lelam" *(Eksodus 19:5)*.

Kwiveki ephelileyo sishiye ngokuwa koluntu, ngenxa yesono sabazali bethu bokuqala. Kule veki siza kuba nesishwankathelo esifutshane sesifundo sonke sekota, xa sithabatha imini nganye siqwalasela iminqophiso yasekuqaleni, le yonke, ngokwendlela yayo, yayibonakalalisa umnqophiso wenene, lo walungiswa eKalvari ngegazi likaYesu, lo, thina njengamaKristu, singena kuwo neNkosi yethu. Siqala ngomnqophiso uThixo awawenza noNowa ukusindisa yena nosapho lwakhe entshabalalweni. Siqhubeka siye kumnqophiso no-Abraham, otyebe kakhulu nozele sisithembiso sethu sonke; size silandele ngomnqophiso waseSinayi nokubaluleka koko kwavakaliswa apho; kuze kuthi ekugqibeleni sikhangele kumnqophiso omtsha, le yonke eminye yayisalatha kuwo. Yonke le minqophiso, iza kufundwa nzulu kwiiveki eziliqela ezilandelayo. Kule iveki kukuhlola ngokukroba nje.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Igama umnqophiso lithetha ntoni? Uyintoni umnqophiso awawenzayo uThixo noNowa? Lithemba eliyintoni elafunyanwa kumnqophiso noAbraham? Yindawo ethini edlalwa lukholo nemisebenzi kwicala lomntu emnqophisweni? Ingaba umnqophiso sisivumelwano nje, okanye ungaba unemiba ehambelana naso, isivumelwano? Uqulathe ntoni u"mnqophiso omtsha"?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha ka-Apreli 10.*

Cawa

4 Apreli

Iziseko Zomnqophiso

"Ndiya kuwubeka umnqophiso wam phakathi kwam nawe, ndikwandise kakhulu kunene" (Gen. 17:2). "Igama lesiHebhere eliguqulwe ngokuthi 'mnqophiso' (elivela amaxesha akwisithuba sama-287 kwiTestamente eNdala) nguberith. Linako ukuguqulwa ngokuthi 'testamente' okanye 'intando yokugqibela.' Imvelaphi yalo ayicaci, kodwa lifikelele "kwintsingiselo ethetha ngokubotshwe ngamaqela amabini kunye. Lalisetyenziswa, phofu, kwiintlobo ezininzi ezahlukeneyo zama'qhina,' phakathi komntu nomntu, naphakathi komntu noThixo. Lisetyenziswa ngokuqhelekileyo apho amaqela omabini yayingabantu, kwaye okucace kakhulu kwakuxa lisetyenziswa kwinkolo, into eyayingumzekelo osekwe ekusetyenzisweni okuqhelekileyo kodwa kukho intsingiselo enzulu [eliyithethayo]"—J. Arthur Thompson, "Covenant (OT)," *The International Standard Bible Encyclopedia,* revised edition (Grand Rapids, MI: William B. Eerdmans Publishing Company, 1979), vol. 1, p. 790. Njengomnqophiso womtshato, umnqophiso weBhayibile uchaza kokubini, ulwalamano nokulungiselelwa. Njengolungiselelo, umnqophiso weBhayibhile uneziqalelo ezizezi:

1. UThixo waqinisekisa izithembiso zomnqophiso ngesifungo (Gal. 3:16; Heb. 6:13, 17).
2. Okunyanzeliswa ngumnqopiso kukuthobela intando kaThixo njengoko ibekwe kwimiThetho eliShumi (Dut. 4:13).
3. Inkcitho ekuthi ngayo umnqophiso kaThixo ekugqibeleni uzalisekiswe ngayo ingegazi likaKristu necebo losindiso (Isa. 42:1, 6).

Khangela kwezi ziqalelo zithathu zidweliswe ngentla (izithembiso zikaThixo, ukuthobela kwethu, necebo losindiso). Uzibona njani ezi ngongoma zisebenza kwihambo yakho neNkosi? Bhala phantsi isiqendu esichaza indlela ezibonakala ngayo ebomini bakho ngoku.

KwiTestamente eNdala, uhlelo lohlobo lwemibingelelo lwalufundisa abantu ngokubhekiselele kulo lonke icebo losindiso. Ngemifuziselo yalo, amanyange noIsrayeli bafunda ukusebenzisa ukholo kuMhlanguli ozayo. Ngeenkonzo zalo, abaguqukayo babefumana uxolelo lwesono nokukhululwa etyaleni. Iintsikelelo zomnqophiso zazinokufunyanwa ngaloo ndlela, nokukhula kwasemoyeni—ukubuyiselwa komfanekiselo kaThixo ebomini—kwangaloo ndlela kwakunokuqhubeka, naxa uluntu lwalusoyiswa kukuthwala kude kube sekupheleni kwesivumelwano salo.

Nangona ikho iminqophiso eyenziwe phakathi kwabantu, ukusetyenziswa okuphambili kwegama uberith eBhayibhileni yesiHebhere kunento yokwenza nobudlelane phakathi kukaThixo noluntu. Ukwazi ukuba uThixo ungubani nokuba singoobani thina xa sithelekiswa naYe, luhlobo luni lobudlelane obunokuboniswa ngumnqophiso onjalo?

Mvulo

5 Apreli

Umnqophiso NoNowa

"Ndiwumise umnqophiso wam nawe, ungene emkhombeni wena, noonyana bakho, nomkakho, nabafazi boonyana bakho, ndawonye nawe" (Gen. 6:18).

Kwindima engentla igama mnqophiso livela okokuqala eBhayibhileni, kwaye, kule ndawo, uThixo usanda kuxelela uNowa ngesigqibo saKhe sokutshabalalisa umhlaba ngenxa yobuninzi nokuqhubeka kwesono. Nangona le ntshabalalo iya kuza ngoNogumbe womhlaba wonke, uThixo akalishiyi ihlabathi awalidalayo. Uqhubeka elinika ubudlelane bomnqophiso owabekwa kuqala ukuba usebenze emva kokuWa. U"Ndi" kaThixo onika umnqophiso nguYe ngokwaKhe ongumhlaba wenkuseleko kaNowa. NjengoThixo owugcinayo umnqophiso, uYehova wathembisa ukuwakhusela amalungu osapho awayentumekelelo yokuphila ulwalamano oluzinikeleyo kunye naYe, oluziphumo zalo ikukuthobela.

Ingaba umnqophiso noNowa wawucala nye? Khumbula ukuba ingcamango yomnqophiso yimbono yokuba unamacala angaphezu kwelinye. Ingaba uNowa wayenalo elakhe icala kulo mcimbi ekwakufuneka elibambile? Sithini isifundo esisifumana apho kwimpendulo yale mibuzo?

UThixo uxelela uNowa ukuba kuza kubakho uNogumbe uze umhlaba wonke utshatyalaliswe. Kanti ke uThixo wenza isivumelwano naye, apho [uThixo] athembisa ukumsindisa uNowa nosapho lwaKhe. Ngaloo ndlela, okokuzuzwa kwakuphezulu kakhulu, kuba xa uThixo engalibambanga elaKhe icala lesithembiso, nokuba uNowa wayelibambe kangakanani elakhe, wayeza kutshayelwa kunye nehlabathi. UThixo wathi uza kwenza "umnqophiso" noNowa. Igama lona linika injongo yokuyhlonipha into othe uza kuyenza. Asiyiyo intetho nje engacacanga. Igama liza lizele kukuzimisela. Makhe sithi mhlawumbi uYehova uthe kuNowa, "Khangela, umhlaba uza kuphelela kuNogumbe owoyikekayo, kodwa ndisenokukusindisa, okanye ndingakusindisi. Ngokwangoku, yenza oku, noku, noku, siya kubona ke ukuba kuya kwenzeka ntoni, kodwa andiqinisekisi nto." Iintetho ezinjalo azikholisi kuza nesiqinisekiso nethemba ezifunyanwa kwigama umnqophiso."

Abanye abantu baxoxa besithi uNogumbe kaNowa akazange abe ngowomhlaba wonke kodwa wawungowengingqi. Ukuba kunjalo, ngokwale ndawo uThixo athembisa kuyo kuGenesis 9:15 (bona nakuIsa. 54:9), lonke ixesha omnye uNogumbe esenzeka (kwaye ingathi benzeka lonke ixesha), isithembiso somnqophiso kaThixo siyaphuka. Ngokuchaseneyo noko, into yokuba kungakhange kubekho omnye uNogumbe womhlaba wonke ibonisa ubunyaniso besithembiso somnqophiso kaThixo. Ngokufutshane, ingaba kusixelela ntoni oku ngendlela esinokuzithemba izithembiso zaKhe?

Lwesibini

6 Apreli

Umnqophiso Ka-Abram

“Ndibasikelele abakusikelelayo, ndimtshabhise okuqalekisayo; zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi” (Gen. 12:3). Funda: Genesis 12:1–3. Yenza uludwe lwezithembiso ezizodwa awazenzayo uThixo no-Abram.

Qaphela ukuba phakathi kwezi zithembiso uthi uThixo kuAbram “zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi” (Gen. 12:3). Kuthetha ukuthini oko? Zasikeleleka njani zonke iintsapho zomhlaba kuAbram? Bona umaGalati 3:6–9. Kungaziphi iindlela onokuthi ubone ngazo kwesi sithembiso sasekuqaleni isithembiso sikaYesu uMesiya? Bona umaGal. 3:29.

Koku, isityhilelo sokuqala sikaThixo esibhaliweyo esiya kuAbram, uThixo wathembisa kuso ukungena kulwalamano olusondeleyo nolungapheliyo naye, kwangaphambi kokuba asebenzise naluphi ulwimi oluthetha ngokwenza umnqophiso. Okuthethwe ngqo ngomnqophiso awayeza kuwenza uThixo kwalandela kamva (Gen. 15:4–21, Gen. 17:1–14). Okwangoku, uThixo usanika ulwalamano lukaThixo nomntu olubaluleke kakhulu. U“Ndiya” ophindaphindiweyo kuGenesis 12:1–3 unika into engobunzulu nobukhulu besipho nesithembiso sikaThixo.

Ukongeza, uAbram ufumana umyalelo omnye, kodwa ovavanyayo, “Hamba.” Wathobela ngokholo (Heb. 11:8) kodwa kungekuko ukuze enze kubekho iintsikelelo ezithenjisiweyo. Ukuthobela kwakhe yayikukusabela kokholo lwakhe kulwalamano lothando, uThixo awayelulangazelela ukuba lwakheke. Ngamanye amazwi, uAbram wayesele ekholelwe kuThixo, wayesele ethembele kuThixo, wayesele ekholelwa kwizithembiso zikaThixo. Kwakunyanzelekile ukuba kube njalo; kungenjalo, wayengasokuze alushiye usapho lwakhe nomhlaba wooyisemkhulu kwasekuqaleni aye kwiindawo ezingaziwayo. Ukuthobela kwakhe kwaveza ukholo lwakhe kubantu nakwiingelosi. UAbram, kwasemva le, waveza ulwalamano olusisitshixo phakathi kokholo nemisebenzi. Sisindiswa ngokholo, ukholo olunesiphumo esikukuthobela. Isithembiso sosindiso siza kuqala; imisebenzi ilandele. Nangona lungeke lubekho ulwalamano lomnqophiso, ingabikho nentsikelelo ngaphandle kokuthobela, oko kuthobela kukusabela koko uThixo sele ekwenzile. Ukholo olunjalo lubonisa umthetho-siseko oku-1 Yohane 4:19, “Thina siyamthanda [uThixo], ngokuba yena wasithanda kuqala.”

Funda: Genesis 15:6. Le ndima, ngeendlela ezininzi, isibonisa njani isiseko sezithembiso zomnqophiso? Kutheni le ntsikelelo iyeyona inexabiso kuzo zonke?

Lwesithathu *7 Apreli*

Umnqophiso NoMoses

Funda: Eksodus 6:1–8-uze uphendule le mibuzo:

1. Nguwuphi lo mnqophiso athetha ngawo [uThixo]? Bona uGen. 12:1–3.

---

2. IEksodus [imfuduko] yayiza kuba kukuzalisekiswa njani, kwindawo yaKhe [uThixo], kwezithembiso zomnqophiso?

---

3. kokuphi okuhambelanayo okufumanayo phakathi koko uThixo wakuthembisa abantu apha noko wakuthembisa uNowa phambi kukaNogumbe?

Emva kwemfuduko, abantwana bakwaIsrayeli bafumana umnqophiso eSinayi, unikwa ngokomba wokuhlangulwa kwabo ebukhobokeni (Eks. 20:2), unemisindleko eyenziwe nguThixo yemibingelelo yocamagusho noxolelo lwesono. Ngoko ke, wawufana nayo yonke, umnqophiso wobabalo, kugqithiselwa ubabalo lukaThixo ebantwini baKhe. Lo mnqophiso wawuphinda, ngeendlela ezininzi, ucinezelo oluphambili lomnqophiso no-Abraham: 1. Ulwalamano olulodwa lukaThixo nabantu baKhe (thelekisa uGen. 17:7, 8 noEks. 19:5, 6).
2. Babeya kuba luhlanga olukhulu (thelekisa uGen. 12:2 noEks. 19:6).
3. Ukuthobela kwakufuneka (thelekisa uGen. 17:9–14; Gen. 22:16–18 noEks. 19:5).
"Qaphela ukulandelelana apha: uYehova uqala amsindise uIsrayeli, emva koko amnike umthetho waKhe ukuba awugcine. Ulandelelwano olo lunjalo nangaphantsi kwegospile. UKristu uqala asisindise esonweni (bona uYohane 1:29; 1 Kor. 15:3; Gal. 1:4), emva koko awuphile umthetho waKhe ngaphakathi kwethu (Gal. 2:20; Roma 4:25; 8:1–3; 1 Petros 2:24)."–*The SDA Bible Commentary*, vol. 1, p. 602.

Funda: Eksodus 6:7. Yintoni ekuphela kwayo efumanekayo kwindawo yokuqala, apho uYehova athi baya kuba ngabantu baKhe aze Yena abe nguThixo wabo? Qaphela okwenzekayo apho. Baya kuba yinto kuThixo, aze uThixo abe yinto kubo. UThixo akaneli nje ukufuna ukuba alamane nabo ngendlela eyodwa; ufuna ukuba nabo balamane naYe ngendlela eyodwa. Ingaba iNkosi ayifuni olo lwalamano nathi namhlanje? Ingaba la ndawo yokuqala ka Eksodus 6:7 iyalubonakalalisa ulwalamano lwakho neNkosi, okanye ungumntu nje ogama lakhe lisezincwadini zebandla? Ukuba impendulo yakho kwindawo yokuqala yombuzo ngu-Ewe, nika izizathu zokuba kutheni.

Lwesine

8 Apreli

Umnqophiso Omtsha (Yer. 31:31–33)

Ezi ndawo zezokuqala kwiTestamente eNdala ukuthetha ngoko kubhekiswe kuko ngokuthi ngu“mnqophiso omtsha.” Kufakwe kwindawo yokubuya kwama-Israyeli elubhacweni, kwaye ithetha ngeentsikelelo aya kuzifumana kuThixo. Kwakhona, njengakuyo yonke, nguThixo owuqalayo umnqophiso, kwaye ikwanguThixo oya kuwufezekisa ngobabalo lwaKhe.Qaphela, kwakhona, ulwimi olusetyenzisiweyo. UThixo wathetha ngaYe njengomyeni kubo; wathetha ngokuwubhala umthetho waKhe ezintliziyweni zabo; waza, esebenzisa ulwimi lomnqophiso ka-Abraham, wathi uya kuba nguThixo wabo, bona babe ngabantu baKhe. Ngoko ke, njengaphambili, umnqophiso awanele nje ukuba sisivumelwano somthetho obophelela ngokwakwiinkundla, zomthetho namhlanje, kodwa unento oyisebenzayo apha.

Funda: Yeremiya 31:33. Yithelekise noEksodus 6:7, onika iinkcukacha zendawo ethile yomnqophiso owenziwa noIsrayeli. Kwakhona, siyintoni isitshixo esiphuhlayo apha? UThixo ufuna bathini abantu baKhe?

Funda: Yeremiya 31:34. Thelekisa okuthethwa apho nokuthethwa kuYohane 17:3. Yintoni esisitshixo athi uYehova ayenze eyakha isiseko solu lwalamano?

KuYeremiya 31:31–34, umntu unako ukubona iziqalelo zozibini, esobabalo nesokuthobela, kanye njengakwiminqophiso yangaphambili. UThixo uya kuzixolela izono zabo, uThixo uya kungena kulwalamano kunye nabo, aze uThixo abeke ubabalo lwakhe ebomini babo. Isiphumo soko kukuba abantu basuke nje bamthobele; kungekuba benziwe bangoomashini abazenzelayo, kodwa kuphela ngokuba bemazi, ngokuba bemthanda, nangokuba befuna ukumkhonza. Oku kubamba owona mongo wolwalamano lomnqophiso uYehova alufunayo nabantu baKhe.

Uyiqonda njani le ngcamango yomthetho obhalwe ezintliziyweni zethu? Ingaba ithetha ukuba umthetho umntu ngamnye nesiqu sakhe, into yokuchazwa isetyenziswe ngokubona kwentliziyo yomntu ngamnye? Okanye ingaba ithetha enye into? Ukuba kunjalo, yintoni?

Lwesihlanu *9 Apreli*

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "U-Abraham eKanan," amaph. 132–138, kuAmanyange Nabaprofeti; "Abaprofeti BakaThixo Bebanceda," amaph. 569–571, ku-Abaprofeti Nookumkani. "Idyokhwe ebophelela emsebenzini ngumthetho kaThixo. Umthetho omkhulu wothando owatyhilwa e-Eden, wavakaliswa eSinayi, nakumnqophiso omtsha obhalwe ezintliziyweni, ngulowo ubophelela isisebenzi esingumntu kwintando kaThixo. Ukuba besiyekiwe ukuba silandele oko sikekelele kuko, siye apho intando yethu isikhokelela khona, besiya kuwela kumabutho kaSathana sibe ngabaneempawu zakhe. Ngoko ke uThixo usigcine kwintando yaKhe, ephezulu, enesidima, nephakamisayo. Unqwenela ukuba siyithabathe imisebenzi yethu ngomonde nangobulumko. Idyokhwe yomsebenzi noKristu ngokwaKhe wayithwala esenyameni. Wathi, "Ukwenza okulikholo kuwe, Thixo wam, ndikunanzile; nomyalelo wakho usezibilinini zam ngaphakathi." Nd. 40:8. "Ndihle emazulwini, ndingaze kwenza ukuthanda kwam; ndize kwenza ukuthanda kwalowo wandithumayo." Yohane 6:38. Ukuthanda uThixo, inzondelelo yobuqaqawuli baKhe, nokuthanda uluntu oluwileyo, kwamzisa uYesu emhlabeni ukuba aphatheke kakubi aze afe. La yayingamandla alawulayo ebomini baKhe. Lo mthetho-siseko, uYesu usiyalela ukuba siwamkele."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, amaph. 329, 330.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ungaba umnqophiso kaThixo noNowa, noAbram, noMoses, kunye nathi wawukukuqhubeka komnqophiso waKhe noAdam, okanye wawuyenye into entsha? Thelekisa: Gen. 3:15; Gen. 22:18; noGal. 3:8, 16.

2. Kutheni le nto umba wolwalamano lomnqophiso kumntu ngamnye lubaluleke kangaka? Ngamanye amazwi, usenako ukuba nesivumelwano esibophelelayo ngokomthetho, "umnqophiso" nomntu othile, ngaphandle kokuthetha ubuqu ngokusondeleyo. Olo hlobo locwangciso aluyiyo into uYehova ayifunayo kulwalamano lomnqophiso waKhe. Kutheni lento kunjalo? Xoxani.

3. Kungaziphi iindlela othi umtshato ube yimfaniso elungileyo yomnqophiso? Kungaziphi iindlela ethi imfaniso yomtshato isilele ngazo ekuchazeni umnqophiso?

Isishwankathelo: Ukungena kwesono kwaqhekeza ulwalamano loMdali awayelumisele kwasekuqaleni nosapho loluntu ngabazali bethu bokuqala. Ngoku uThixo uzama ukumilisela ngokutsha olo lwalamano lunye lothando ngomnqophiso. Lo mnqophiso ubonisa yomibini, ulwalamano lokuzinikela phakathi kukaThixo nathi (njengeqhina lomtshato) kunye nokulungiswa kokusisindisa nokusizisa ekuvumelaneni noMenzi wawo. NguThixo ngokwaKhe, eqhutywa luthando lwaKhe olukhulu ngakuthi, onguMqali wolwalamano lomnqopiso. Ngezithembiso zobabalo, nangezenzo zobabalo, uyasitsala ukuba size kubunye kunye naYe.